URhulumente weNtshona Koloni

UBAMBISWANO NGAMANDLA.

ISAZISO ESIBALULEKILEYO

ISAZISO SOKUBONISANA NOLUNTU KUNYE NENKQUBO YOKUNIKA IZIMVO: UYILO LOMGAQO-SIKHOKELO OBANDAKANYAYO WEZINDLU WASENTSHONA KOLONI

Injongo yeSikhokelo soMgaqonkqubo kukuqhubela phambili uMthetho woCwangciso lwoMhlaba noMthetho woLawulo lokuSetyenziswa koMhlaba, wama-2013 (uMthetho we-16 wowama-2013) (iiSPLUMA) imithetho-siseko yobulungisa bomhlaba, uzinzo nokusebenza ngokukuko kunye nolindelo lwayo kumgaqonkqubo wephondo wokubandakanya izindlu. Inika umgaqonkqubo wokusetyenziswa kwezindlu ezibandakanyiweyo kwiimvume zocwangciso lokusetyenziswa komhlaba ezinikwa ngoomasipala beNtshona Koloni.

Iinjongo zesi Sikhokelo soMgaqonkqubo wezeZindlu oBandakanyayo kukulungiselela ngcono izindlu ezibandakanyiweyo njengesixhobo sokwenza igalelo kutshintsho lomhlaba eNtshona Koloni kugxilwe kwiidolophu zayo naseKapa. IsiCwangciso-qhinga sePhondo sikaRhulumente weNtshona Koloni (iWCG) sePhondo 2019 - 2024 sichonga ukuphuhliswa kwesakhelo somgaqo-nkqubo wezindlu esibandakanyayo njengongenelelo oluxhasa indawo yayo ekugxilwe kuyo yokudala amathuba amaninzi okuba abantu bahlale kwiindawo ezingcono. Ikwenza oku ngokokunye kwezinto eziphambili ezintlanu zeSicwangciso seQhinga: ukukhuthaza ukuHamba nokuTshintsha koMlaba.

Amacweyo abanjelwa kumaqonga e-intanethi aya kubanjwa ngowama-**31 Canzibe 2021**, ukuba unqwenela ukuthatha inxaxheba kucweyo, nceda uthumele igama lakho ku-**Michael.Hathorn@westerncape.gov.za**

Nawuphi na umntu okanye umbutho onqwenela ukuphawula ngesi Sikhokelo soMgaqonkqubo kufuneka angenise izimvo zakhe ngembalelwano ngaphambi okanye ngomhla we-13 kweyeKhala 2021 kwiNtloko yeSebe, iSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso, iCandelo loLawulo: UCwangciso loMhlaba, Private Bag X9086, EKapa 8000; ngesandla ku: Nkszn Catherine Stone, iSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso, ICandelo loLawulo: UCwangciso loMhlaba, Umgangatho wesi-4, eProperty Centre, Isitalato iDorp kwaNombolo 1, EKapa; okanye nge-imeyile ku: **Michael.Hathorn@westerncape.gov.za**

UQulunqo lweSikhokelo soMgaqonkqubo oBandakanyayo weZindlu waseNtshona Koloni luyafumaneka kwiwebhusayithi: **www.westerncape.gov.za/eadp.** Ukuba unemibuzo, nceda uqhagamshelane noNkszn Catherine Stone nge-imeyile: **Catherine.Stone@westerncape.gov.za okanye kule nombolo yomnxeba 021 483 4796**